**IPHEPHA LEMIYALELO NEENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isicatshulwa | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | 50 imizuzu |
| ICANDELO B: | 30 imizuzu |
| ICANDELO C: | 40 imizuzu |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

### UKUXHOBISA

1 Umntu ukhula ngokuxhotyiswa. Into eyenza umntu abe nako ukumelana namahla-ndinyuka obomi zizinto axhotyiswe ngazo ekukhuleni kwakhe. Umntu uthi akuphuma kwingxingo ethile athi obukeleyo ancome ngelithi, 'Kowu ukhulile!' Umntu okhulayo uhamba exhotyiswa kwindlela yobomi kanti omnye uya kude alale kobandayo enikwa izixhobo. Kwezi zixhobo umntu axhotyiswa ngazo ebomini zikho ezinobungozi obungathethekiyo kwalapha kuye.

2 Mandulo amakhwenkwe elali ayenesimbo sokuthanda ukuxhwarha esixhotyeni exhobe ef'amacala. Izinto ezazihlanganisa ezi nkewu zazintathu. Eyokuqala yayikukudla imbadu. Eyesibini yayikukujonga ukucel' umngeni kumakhwenkwe enye ilali. Eyesithathu yayikukuxhobisa ngezinto ezibalulekileyo kubomi bobukhwenkwe. Nakuba ezi zinto kwakuxhotyiswana ngazo ngoonkabi zazibalulekile nje kubo, ezinye zazo zazinobungozi obungathethekiyo kuba kaloku nentlondi le yayingekude koorheme aba. Kufuneka umntu xa ehamba entlaleka entlitheka apha elizweni abe nazo izixhobo zokumelana neenkxwaleko kungenjalo uhlininika ade abe lilifa lentlekisa. Abantwana abakhuliswe ngesonka samasi nebhotolo abangayaziyo into yokuba isonka sikhe sityiwe siyinkatshunkatshu sinjalo bangaphalala ukuba kwenzekile watsha loo mthombo umpompoza izimuncumuncu.

3 Omnye umfo wakhula kuhluthwa kowabo uyise eneevenkile, iiteletele neemazi zobisi. Abantwana baloo somashishini bakhule kweli khaya kungekho nto bangenayo eyonwabisa umphefumlo womntu osaze ngobuso elizweni. Babonwabile abantwana bendoda enkulu kungekho nto bazenzela yona kuba izicaka zazizininzi kangangokuba zazigilana.
Abantwana abangamantombazana beli khaya bakhule bengawazi umtshayelo nokuba yinto yokwenzani. Amakhwenkwe wona akhule engayazi nokuba inkomo ivelwa kweliphi icala xa isengwa. Eyona nto babebalasele kuyo aba bantwana kukubukela umabonakude. Bebevuka ekuseni bahlale phambi kwale bhokisi bengaboni nabantu abamana ukungena bephuma kweli khaya labo. Umntu ozidubileyo wababulisa bebemxelela ukuba uyabaphazamisa. Kwanto bayiphathelwayo edliwayo bebeyidla bejongene nesi silingo. Ibhokisi ekuthiwa ngumabonakude ayibancedanga aba bantwana kuba bona babone nje izinto ezikude phambi kwabo babe baphelele apho, abazibona ezona zinto beziphambi kwamehlo abo.

4 Usomashishini waqubisana nokufa engabhungisananga namntu, nangona umntu obhubhayo engabhungisi nje. Liyinene elithi yakufa intaka endala amaqanda ayabola. Izinto ezazishiywe yindoda enkulu zaya zivuthuluka ngokuvuthuluka abantu bebukele bambi besithi yambi into yokuphela komzi kujongiwe nakuba ke kungekho nkwali iphandela enye, ephandel'enye yenethole.
Umhlolokazi wayesithi akuzama ukuguzula umsebenzi omnye kube ngathi uphazamise ibubu leenyosi bamgwayimbele.
Zathi zakuphela izinto zendoda enkulu abantwana bayo bangena elalini bazicelela kwanto ityiwayo. Bona ke torho kwakungekho nto baxhotyiswe ngayo ngaphandle nje kokuxhathisa ngebali lobukumkani obaphelayo.

5 Ayilulanga into yokuxhobisa umntu osakhulayo kuba ngamaxesha amaninzi akakuboni ukubaluleka kwezo zixhobo anikwa zona. Umntu onikwa isibane sokukhanyisa ebusuku usenokungasikhathaleli eso sibane kuba esathe swii lilanga lasemini. Ukumxhobisa umntu kuyafana nokumcebisa ukuba azixhomele intanyongo. Ngexesha lasehlotyeni umntu obhadlileyo akayilahli idyasi yakhe kuba esazi ukuba ubusika bakufika ngenye imini bumenza alibale tu ukuba kwakhe kwakho ubushushu behlobo

6 Umntwana xa ashiya ikhaya lakhe uyayalwa ngabantu abadala ukuba ahloniphe igama lekhaya lakhe. Umntwana xa esiya kufunda eYunivesithi usoloko eyikhunjuzwa ngokungathi uyilibele into yokuba eyona nto emsa kuloo mthombo yimfundo. Nakuba ke abazali nezihlobo bemxhobisa nje lo rheme kuyenzeka ukuba athi akufika eYunivesithi azibone eyinto ngobunto bayo, alibale tu ngeminqweno yabazali bakhe. Uyakwazi ukuhamba ezingela ubhelu lomsele nakuba kowabo wayengakhonjwanga bhekileni nje. Uyakwazi ukuchitha ixesha lakhe elininzi kuloo Yunivesithi ehamba edovula indima ebethwa kukuyilibala eyona yona ndima yakhe. Amazwi okumxhobisa uyawalibala tu aphethe eyinto exake abantu.

7 Indlela yokuxhobisa umntu inokufana nenkohlakalo kulowo uxhotyiswayo nakobukeleyo, kanti ngaphaya kwentaba yezilingo kukho umthombo wokukhupha unxano. Izinto eziza ziluthotho lwezilingo nezikhubekiso ziyafuna ukwamkelwa njengezinto eziqinisa ifokotho emntwini. Umntu oxhotyisiweyo waxhobiseka uyakwazi ukuma dzu angavumi nakancinci ukuba libhetyebhetye. Umntu oxhotyisiweyo akabinalo ixhala lokophulwa umqolo zizinto ezimze kakubi. Umntu ongaxhotyiswanga okanye umntu ozilahlileyo izixhobo zakhe usuke abe sisantanta esingenandawo isisigxina. Umntu obaleka okanye otyeshela izixhobo adibana nazo apha ebomini ubaleka okanye utyeshela isitshixo sokumvulela isango lempumelelo.

[Sicatshulwe kwincwadi yamavo ethi 'KANTI SINJE?' ebhalwe nguMC Matyumza noLL Ngewu: amaphepha 34–41]

**Jonga kumhlathi wokuqala**

1.1.1 Khankanya isizathu esibonisa ukuba ukuxhotyiswa kululutho. (1)

1.1.2 Yinyani okanye asiyonyani ukuba umntu okhulayo uxhotyiswa umzuzwana. Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesibini**

1.1.3 Nika isichasi segama 'ukuhlanganisa.' (1)

1.1.4 Xela izinto zibe MBINI ezazihlanganisa amakhwenkwe mandulo. (2)

1.1.5 Sebenzisa isaci 'ukudla imbadu' kwisivakalisi kuphuhle intsingiselo. (2)

1.1.6 Kukuthini ukuntlitheka? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

A Kukufumana izinto ezimnandi ebomini.
B Kukufumana izinto ngondlela-mnyama ebomini.
C Kukufumana izinto ezibuhlungu ebomini.
D Kukufumana iitshomi ezikuthandayo ebomini. (1)

**Jonga kumhlathi wesithathu**

1.1.7 Ingaba uyayithanda le ndlela baziphethe ngayo abantwana balo somashishini? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesine**

1.1.8 Ngowuphi umbhodamo obangwe kukungaxhotyiswa kwaba bantwana balo somashishini? (1)

**Jonga kumhlathi wesihlanu**

1.1.9 Mfundiso ni oyifumana kule ntetho ingezantsi?

'Ngexesha lasehlotyeni umntu obhadlileyo akayilahli idyasi yakhe.' (2)

**Jonga kumhlathi wesithandathu**

1.1.10 Miceli-mingeni mini abaqubisana nayo abafundi eziYunivesithi? Khankanya ibe MIBINI ngaphandle kwekhankanywe kwisicatshulwa. (2)

**Jonga kumhlathi wesixhenxe**

1.1.11 Cacisa okuthethwa ngumbhali ngale ntetho ithi:

'... kanti ngaphaya kwentaba yezilingo kukho umthombo wokukhupha unxano'. (2)

1.1.12 Ingaba uyavelana nemeko abakuyo abantwana balo somashishini emva kokusweleka kukayise wabo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ucatshulwe kwi-intanethi- cartoonstock.com]

1.2.1 Benza ntoni abantu abasemfanekisweni? (2)

1.2.2 Nika isixhobo somculo esikulo mfanekiso ungentla. (1)

1.2.3 Cacisa unobangela wokusetyenziswa kwalo mfanekiso ungentla. (1)

1.2.4 Sebenzisa isenzi 'cofa' sithabathe iinjongosenzi zibe MBINI ngoncedo lwesimamva. (1)

1.2.5 Ityhila ntoni ngezi ntombi zikulo mfanekiso indlela ezinxibe ngayo? (1)

1.2.6 Xela izinto EZIMBINI ezifana ngazo izicatshulwa A no B. Khankanya izinto ezahluke ngazo ezi zicatshulwa zozibini. (4)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA esingezantsi. Kwesi sicatshulwa kuchazwa ngobuqhetseba norhwaphilizo kwiindawo eziphezulu.

**QAPHELA:** Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ungacaphuli njengoko kubhaliwe kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70–80.
- Shwankathelwe ngomhlathi kuphela.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**UBUQHETSEBA NORHWAPHILIZO KWIINDAWO EZIPHEZULU**

1 Ziyalangazelelwa izikhundla eziphezulu kwaye kuyaxhwithwana, kuyaxanjuliswana, kuyiloo nto nje. Ingulowo umntu unqwenela ukuba phaya encochoyini. Samfanela asamfanela isikhundla eso ayinamsebenzi loo nto. Bangayifuna ngamehlo amnyama abantu into yazi ukuba ikho inzuzo abayinyekileyo, kukho inqatha elifumanekayo.

2 Imbeko, intlonipho nokubuswa athi akufumane lowo ukuso ayinganganto. Uhlonelwa nditsho mna nayinkothovu yexhego nokuba usengumntwana yena ngeminyaka.

3 Isikhundla esiphezulu sihamba nomvuzo ophakamileyo ukuze lowo ukuso akwazi ukuwugcina umgangatho oxhomileyo ofanele isikhundla eso akuso, angahlazeki. Ukutya akutyayo, impahla ayinxibayo, inqwelo ayikhwelayo, impahla yendlu, izikolo abafunda kuzo abantwana bakhe, zonke ezo zinto zibiza iimali ezinkulu. Esi sikhundla sikhulu sihamba nenqwaba yamagunya. Simenza lowo ukuso abe nobunganga batsho nabo bangaphantsi kwakhe barhwaqele bakumbona.

4 Masiyivume into yokuba uninzi lwabantu abangena kwizikhundla eziphezulu bawuqala umsebenzi wabo ngokuzimisela nomdla omkhulu beneentliziyo ezimhlophe. Uqala ngokubamba ixesha. Kuya kuye angezi ngethuba emsebenzini atsale umnxeba esekhaya athi kukho ingxaki evelileyo eza kumbamba, aqale ukusilela kumsebenzi wakhe nolawulo lube yeke-yeke.

5 Abantu abakwizikhundla eziphezulu banikwa amagunya okulawula iimali ezinkulu kakhulu. Amaxesha amaninzi kufuneka besayine iitshekhi zamawakawaka nezigidi zeerandi xa kusenziwa iintlawulo ezithile kwiinkampani ngeenkampani. Ziyaphazamiseka iingqondo zabaninzi, umntu angenwe nguMtyholi, anyoluke, acuntsule kambe axathule omnye, kuthi kanti sisiqalo somkhwa ombi eso angasayi kuphinda akwazi ukwahlukana nawo.

6 Abantu bayothuka, badane, xa besiva izityholo abekwa zona lowo mntu bebemthatha njengenkokeli yabo. Bayacaphuka, baqalekise, bade bathukisele, xa bemva ezivuma naye izityholo ezo. Baqala apho ke ukungabathembi nokungabahloneli abo bakwizikhundla eziphezulu.

7 Nakubeni kunjalo, mayicace gca into yokuba asinguye wonke umntu okwisikhundla esiphezulu othi awasebenzise gwenxa amagunya awanikiweyo. Bakho abazenza ngokuhambelana nomthetho izinto, ekungekho makhwiniba ngendlela abaqhuba ngayo izinto. Eneneni uninzi lwabantu abakwezi zikhundla ngabantu abathembekileyo nabahloniphekileyo. Ngelishwa imisebenzi yabo emihle igqunyelelwa ngamahlazo enziwa yimirhangqolo efuna ukuvuna apho ibingalimanga khona.


[Lucatshulwe kwincwadi ethi, Unambitheko ebhalwe nguM Yekela: amaphepha 65–71 lwaza lwahlelwa.]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




3.1 Kutheni isivakalisi 'Ulusu luba luhle lugude kakhulu nakwezona ndawo zonakeleyo' libhalwe ngoonobumba abakhulu nefonti ekhethekileyo? (1)

3.2 Chonga igama elibonisa abathengi ukuba le mveliso intsha. (1)

3.3 Libonisa ntoni igama 'lugude' kwisibhengezo-ntengiso? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

A Ukoma
B Ubumpuluswa
C Uburhabaxa
D Ukuxweba (1)

3.4 Intaka esetyenziswe kwisibhengezo-ntengiso iveza ntoni ngemveliso? (1)

3.5 Ukusetyenziswa kwemifanekiso emibini yomntu omnye eno 'phambi' no-'emva' kugqithisa wuphi umyalezo kubathengi ngesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.6 Sebenzisa isibizo 'ulusu' kwisivakalisi esiphuhlileyo sibe nentsingiselo eyahlukileyo kule ikwibinzana elingezantsi elisetyenziwe kwisibhengezo-ntengiso:

'... nephucula inkangeleko yolusu lwakho.' (1)

3.7 Nika islogani obunokusinika le mveliso yakwaDove. (1)

3.8 Kunganafuthe lini ukusetyenziswa kwamagama u-'phambi' no 'emva' kubathengi kwesi sibhengezo-ntengiso? Zixhase. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI




[Icatshulwe kwi-intanethi-www.google search.com]

4.1 Isikhuzo 'Yhuu!' kwiqam lokuqala sibonisa ntoni? (1)

4.2 Yeyiphi intsingiselo asinika yona umbhali ngokusebenzisa isibayiyo 'lilitye' kwiqam lokuqala? (1)

4.3 Xela isigaba sentetho esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwiqam lesi-2. (1)

4.4 Ingaba kulungile ukuba wonke umntu omtsha awazi umgaqo-siseko weli lizwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.5 Ingaba ulwimi olusetyenziswe kwiqam lesine lubonisa ntoni? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

A Ulwimi oluchukumisayo.
B Uwimi olucengayo.
C Ulwimi olunocalucalulo.
D Ulwimi oluqweqwedisayo. (1)

4.6 Ungamcebisa njani umhlobo wakho ongawaxhamliyo amalungelo akhe asisiseko ngabazali bakhe? (2)

4.7 Sebenzisa isibizo 'imithetho' okwiqam lesi-2 kwisivakalisi esiphuhlileyo sithabathe isimaphambili esahlukileyo ku 'imi'-. (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: ISICATSHULWA

Funda esi sicatshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IXESHA ELICHITHWE KWIMFUNDO LIXESHA ELISETYENZISWE KAKUHLE.**

1 Ndatshona ibanga le-11 kabini. Ngelo xesha ndandineminyaka eli-19 ndandidiniwe kukufunda ndaze ndasishiya isikolo. Ndalandela isakhono somculo kuba uThixo wayendisikelele ngetalente emangalisayo kodwa ndandingonelisekanga. Eneneni, ukuba yimvumi kwandifaka kumsebenzi wasekuhlaleni omninzi. Andiphilisi bantu ngelizwi lam kuphela, kodwa ndiyamenywa ukuba ndiye kushumayela, ndikhuthaze, ndicebise. Ndiye ndabona ukuba ukungafundi kwam kundakhela imida. Ndandiyinxalenye yesikolo saseLimpompo, ndisazi ukuba andinalungelo lokukhuthaza abantwana ngeencwadi xa mna ndingasigqibanga isikolo.

2 Ngowama- 2012, ndinama-31, ndagqiba kwelokuba ndenze ibanga leshumi. Ndabhalisa kwisikolo sabadala ndenza izifundo ezisixhenxe zebanga leshumi. Ukusebenzisa ixesha ngendlela bekubalulekile kum ngoko ndaye ndacela i-ofisi yam ukuba **indihlisele** iiyure zokucula ukuze ndiqwalasele izifundo zam. Andikwazanga ukuziphucula ngokupheleleyo ngenxa yokuba ukucula ndiphila ngako.

3 Iintsuku ezininzi bendiziqhelanisa ekuzeni kokusa, ngamanye amaxesha ndibe neekonsathi ndize ndiye esikolweni ngentsimbi yesi-3 ukuya kweyesi-6 malanga. Bekungekho lula nanjengenkosikazi kodwa umthandazo nokuzimisela kuye kwandinceda.

4 Intsebenzo nzima ize nomvuzo kuba ndaliphumelela ibanga leshumi ngoo-B abane, uC no D. Ndiyakuthanda ukunceda abantu ngoko ndiza kulandela isakhono sezifundo zobugcisa bengqondo.

[Sicatshulwe kwimagazini iBona ka-Apreli 2013 kwiphepha – 74 saza sahlelwa]

5.1 Lungisa isiphene kwesi sivakalisi sibhalwe ngezantsi:

'Ngeloxesha ndandineminyaka eli-19, ndandidiniwe kukufunda ...' (1)

5.2 Xela umsebenzi wesakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

'... ndaze ndasishiya isikolo' (1)

5.3 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo evumayo;

'... andinalungelo lokukhuthaza abantwana ngeencwadi ...' (1)

5.4 Ingaba isenzi esibhalwe ngqindilili apha ngezantsi sikweliphi ixesha.

'... ukuba **indihlisele** iiyure zokucula ukuze ...' (1)

5.5 Tshintsha isenzi 'ukucula' sibe kuhlobo lokuyalela. (1)

5.6 Sebenzisa isibizo 'iintsuku' ukwakha isaci okanye iqhalo. (2)

5.7 Bhala isifinyezo segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Bekungekho lula nanjengenkosikazi kodwa umthandazo nokuzimisela kuye kwandinceda. (1)

5.8 Ngqamanisa igatya nodidi lonxulumano lwalo kule tshati ingezantsi:

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 5.8.1 Igatya eliyintloko. | A Ndiza kulandela isakhono sezifundo zobugcisa bengqondo |
| 5.8.2 Igatya elintanganye. | B Ndiyakuthanda ukunceda abantu. |
| 5.8.3 Igatya elibalulayo. | |

(2 x 1) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**